



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

FEBRUWARI/MATSHI 2017

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha angama-21.

EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorarandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandum iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpindulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impindulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo osisincoko nombuzo omfutshane kudidi olunye).**
2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.
3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli/kuNcwadi lwemveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impindulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.
4. Xa umviwa enike iimpindulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.
5. Xa iimpindulo zizonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandum.
6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpindulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpindulo.
7. *Imibuzo esisincoko.*
Xa impindulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impindulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempindulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.
8. *Imibuzo emifutshane.*
Musa ukumohlwaya umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.
9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impindulo exhasayo.
10. Akukho manqaku Abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impindulo exhasayo.

ICANDELO A: ISIHOBE**ISIHOBE ESIFUNDISIWEYO****UMBULO 1 (ISINCOKO SONCWADI)****UNKOSI RHOLIHLAHLA NELSON MANDELA – DLP Yali-Manisi**

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpindulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubhrikhi ekwiphapha lama-20 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi makachankathe kwezi ngongoma zilandelayo:**Istanza 1**

- Kwesi sitanza imbongi iyasikrobisa ukuba akukho kuthula elizweni lakowayo. Loo nto ibe ngunobangela wokuba izizwe ezikhulu zehlabathi zikhamnqiseke kuba zibona izizwe ezincinane zingazolanga. Oku kungabikho kwenzolo imbongi ikuphuhlisa ngokusebenzisa amagama azizithethantonye asinika umfanekiso-ngqondweni weliso, 'ziyagqushalaza, ziyaqhashambula, ziyabhinyalaza'. Imbongi iphinda isebenzise uphindaphindo kumqolo wesi-7 nowesi-8 ukugxininisa ukuba ngenene akukho nzolo kwaphela.

Istanza 2

- Imbongi kwesi sitanza isizobela inkangeleko kaMandela emlanda nemvelaphi yakhe. Siyiva kumqolo we-11 xa isithi; 'Umdak' onobomi wakwaSokhawulela', utsho kwakhona asixelele indlela amde ngayo loo nto ivezwa kukusetyenziswa kwesikweko 'Ingxangxosi ...' Le ntaka yintaka enemilenze emide kakhulu enemitsi emikhulu. Imbongi isibonisa ukuba okaMandela akalilo ibhetyebhetye loo nto iphuhliswa sisikweko esikumqolo we-15. 'Umti' ondindilili ...'

Istanza 3

- Apha imbongi isibonisa ukuba uMandela akananto ayoyikayo uyakwazi nokusombulula izinto kunzima. Kumqolo we-16 imbongi isebenzise isikweko ukuphuhlisa okwenene uMandela uyazisombulula izinto ezinzima '... wezint' ezisemeveni.' Imbongi iyasixelela ukuba lo kaMandela akanandawo angayihambanga kumazwe jikelele ude aluphuhlise olu hambo ngokusebenzisa isifaniso '... njengechanti.' Njengethandazwe ilizwe laseAfrika ubonise ukuxhomekeka kulo elilwela.

Istanza 4

- Imbongi apha isixelela ukuba uMandela akakhethanga luhlanga luthile xa ezama ukwakha imbumba yamanyama. Loo nto iboniswa yile miqolo, 'Ubakhonzil' abamBo nabaNguni ... 'Wawakhonz' amaTshona, amaNyasa namaKhangala.'

- Imbongi apha iyagxininisa ukubonisa ukuba lo kaMandela ibiyindoda ethanda ukunika iindlebe zonke iintlanga zama-Afrika. Loo nto iboniswa yile miqolo, 'Edal'umanyano lwama-Afrika, Ukuz' inimb' ibe nye yezizwe.' Imbongi ikwasebenzise esi saci; Ukuz' inimb' ibe nye yezizwe.' Ukuqaqambisa lo moya wobumbano.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

[10]

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

AMAZWI OBULUMKO – VL Mabinza

- 2.1 Yisonethi√ kuba unemiqolo eli-14.√ (2)
- 2.2 Ngumfanekiso ngqondweni weliso.√ Ngumfanekiso ngqondweni wokuthi nokuba into sele ikwimeko engentle cengana nayo njengoko imbongi ikhuthaza ukuba kube njalo nakubantu.√√ (3)
- 2.3 Luluvo lokuba abantu mabangacalucalulani ngokwebala nobuhlanga√√ (2)
- 2.4 Yimfundiso yokuba akakho umntu ophila ubomi bakhe yedwa oko kukuthi umntu ngumntu ngabanye abantu√√√/Yimfundiso yokuba isandla sihlamba esinye apha ebomini ukuze umntu aphumelele√√√/Yimfundiso yokuba masingacalulani singabantu nokuba siziintlanga ezahlukahlukeneyo.√√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

(3)
[10]

UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

INTLAKOHLAZA – JJR Jolobe

- 3.1 Lusetyenziselwe ukuveza laa moya wovuyo nochulumanco ngokufika kwexesha lentlakohlaza√√/Lusetyenziselwe ukubonakalisa ukwamkeleka ngothando kwexesha lentlakohlaza.√√ (2)
- (Nayiphi na kwezi)
- 3.2 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso.√ Ngumfanekiso ngqondweni otyhila imeko embi nengabukekiyo yokuguga komhlaba ngenxa yobusika.√√ (3)
- 3.3 Luluvo lokutshintsha kwendalo ngexesha lentlakohlaza.√√ (2)
- 3.4 Yimfundiso yokuba ngexesha lasebusika indalo ibambi kanti ngexesha lentlakohlaza iyaqala ukutshintsha ibukeke okanye ibe ntle√√√/Yimfundiso yokuba intlakohlazo lixesha elithandwayo kakhulu ngabantu abaninzi kuba liza nokukhululeka kwemizimba nokubukeka kwendalo.√√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

(3)
[10]

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)
UVUKANI MADODA KUSILE – ZWV Mzukwa**

- 4.1 Zisetyenziselwe ukubonisa ukuba kucatshulwe ukukhonya komqhagi njengoko kunjalo.√√ (2)
- 4.2 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso.√ Ngumfanekiso ngqondweni wokufuna esi sitshixo kwindawo eyenileyo nekungekho lula ukusifumana kuyo.√√ (3)
- 4.3 Luluvo lokuba umqhagi uthi wakuba phakathi kwezikhukukazi uzibone ubukhulu, ube namabhongo nokuzithemba.√√ (2)
- 4.4 Yimfundiso yokuba umqhagi yiwotshi yendalo, ukwanoxanduva lokukhusela usapho nokwenza usapho lwakwankuku lwande ukuze luhlale luhleli.√√√ (3)
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)
- [10]**

ISIHOBE ESINGAFUNDISWANGA: (SINYANZELEKILE)**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UKWINDLA – GS Galela**

- 5.1 Luphindaphindo√ Sisetyenziselwe ukugxininisa√/sisetyenziselwe ukudala isingqisho.√
Yimvano siqalo√ isetyenziselwe ukudala isingqisho.√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 5.2 Ngumfanekiso ngqondweni weliso/wendlebe.√ Ngumfanekiso ngqondweni ophuhlisa umbona othambileyo nekulula ukuwuhlafuna.√√ (3)
- 5.3 Kukuphuhlisa ukuba lixesha lentlutha amakhwenkwe onwabile ayadlala ngeli xesha elinde ukuvuthwa kwebhaqolo kuba bonele ngumbona owojiweyo.√√ (2)
- 5.4 Imbongi idlulisa umyalezo wokuba ngexesha lasekwindla kumnandi ebantwini kwaye liyathandwa yindalo yonke kuba lixesha lentlutha.√√√ (3)
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)
- [10]**

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: INOVELI**UMBUZO 6 (ISINCOKO SONCWADI)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko.
- Mazamkelwe iimpindulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubriki ekwiphepha lama-21 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankathe kwezi ngongoma zilandelayo:**Isimo Sentlalo**

- Isimo sentlalo sichaphazela iindawo eliqhubeka kuzo ibali, ixesha eliqhubeka ngalo kwaneendlela abaphila ngazo abantu kwezo ndawo. Sisetyenziselwa ukuphefumlela umoya othile ebalini, ukuhlakulela into ethile nokuphuhlisa abalinganiswa okanye umxholo webali. Isimo sentlalo sexesha sivezwa zizinto ezifana nezinxibo zabalinganiswa, iilwimi abazithethayo, izixhobo abazisebenzisayo, iintlobo zezothutho, iintlobo zezindlu abahlala kuzo nabazisebenzisayo, iintlobo zokutya, izikolo, iintlobo ngeentlobo zeenkolo njalo-njalo. Isimo sentlalo sisenokuvezwa njengesingundileyo xa umbhali esizobela indawo apho lenzeka khona ibali. Umxholo webali nguwo othungela ibali ukusuka kwintshayelelo ukuya kwisiphelo. Isimo sentlalo sithi siqaqanjiswe ngumxholo ophambili kwaye sikwadala unxunguphalo.

Ibali ezilalini

- Kule noveli ibali liqala kwilali yaseZazulwana apho wazalelwa khona uThole njengomlinganiswa odlala indima ephambili. Wakhulela kule lali eyinkwenkwana esenza zonke izinto zobukhwenkwe namabanga akhe aphantsi uwafunde apho. Liphinda eli bali liqhubeke kwenye ilali yaseKnysna emva kokuba uThole esinde ekuqhwengweni ziingonyama ezaqwenga abahlobo bakhe uThemba noSonwabo.
- Lipelela kule lali ibali sele ebizwa ngokuba nguMangaliso uThole kwaye sele efunde wayityekeza ephumelele ubugqirha kwezakwaLizwi. UMangaliso sele engumfundisi ophum'izandla othe wakha kule lali indlu yecawa ekukhonzelwa kuyo nepomakazi lendlu ekuhlala yena usapho lwakhe nabazali bakhe. Oku kukuthi eli bali liqale kwilali yaseZazulwana laphinda laya kuphela khona.

Ibali edolophini

- Ngokwasezidolophini ibali kule noveli liqala kwidolophu iGcuwa ekwiphondo leMpuma-Koloni. Kule dolophu kulapho ikhoyo ilali yaseZazulwana awazalelwa kuyo uThole. Kule dolophu kulapho uThole wadibana nabahlobo bakhe uThemba noSonwabo ukuze bamlukuhle apethe eshiya ikhaya lakhe engaxelanga.
- Bemka naye abahlobo bakhe baya kumlahla kwidolophu yaseBhayi. Bathi bakufika eBhayi balahlekana waphetha uThole efumana umsebenzi kwaIrvin & Johnson ngobukrele-krele bengqondo yakhe.
- Kule dolophu uthe wathandana noNomsa nto leyo ethe yamenza wazibona esinda ekubulaweni nguJoe neqela lakhe owayesisithandwa sikaNomsa naye. Emva koko wacinga ngokuyishiya iBhayi.

- Wathi akuphindela esikolweni uThole wahamba iidolophu ngeedolophu wazibandakanya neengxoxo-mpikikiswano ezazimhambisa kakhulu. Waya kutsho kwidolophu yaseKapa eUCT nalapho wathi wazibalula kwingxoxo-mpikiswano de wafumana izipho ngezipho. Akaphelelanga apho ude waya kutsho phesheya kweelwandle kwidolophu yaseNgilane nalapho ufike wagqwesa. Kulapho wathi wafumana izidanga zakhe nomsebenzi. Kwalapho eNgilane waphiwa izipho ngezipho nomnyobo wemoto mhla wayelishiya elo ebuyela eMzantsi Afrika kwilizwe lakhe lokuzalwa.
- EMzantsi Afrika wafikela kwidolophu yaseRhawutini kwisikhululo seenqwelo-ntaka iJan Smuts. Kwahanjwa naye wasiwa eAlbert Street apho wayeza kwamkelelwa khona. Wasebenza njengomfundisi ophum'izandla eGeorge Goch kwakuloo dolophu yaseRhawutini.
- Ekugqibeleni wabuyela kwidolophu yakhe yokuzalwa iGcuwa apho ibali liphela ezinze khona eqhuba umsebenzi kaThixo njengonyawontle.

Ixesha

- Ixesha lityhilwa zizinto ezenzekayo, eziqhubekayo nezisetyenziswayo ngabalinganiswa kwintlalo yabo. Ixesha eliqhubeka ngalo eli bali lelangoku sele kukho umfutho waseNtshona. Umzekelo eZazulwana kukho iziko lezemfundo nakwezinye iindawo ezilapha ebalini, ootitshala nezixhobo zokufundisa abafundi. Kwakhona ixesha livezwa ziintlobo zezothutho, inqwelo eyayihamba uThole nabahlobo bakhe xa besiya eBhayi, itekisi ababekwahamba ngayo ukuya eKnysna, inqwelo awahamba ngayo ukuya eKapa, inqanawe awaya ngayo eNgilane, umnyobo wemoto osisipho sakhe, inqwelo yamapolisa, inqwelo-ntaka awahamba ngayo ukubuyela eMzantsi Afrika ukusuka eNgilane neenqwelo zabantu ngabantu ababeye kumhlangabeza eJan Smuts Airport.
- Izinxibo zikamakufanwe zesikolo, izinxibo zabongikazi, izinxibo zabefundisi nezinxibo zabo bonke abalinganiswa abohlukahlukeneyo abakule ncwadi zibonakalisa ixesha langoku. Ubukho besibhedlele iBharagwana nabo buyangqina ukuba eli bali beliqhubeka kwixesha langoku. Ulwimi lwesiNgesi neengxoxo-mpikikiswano zikwabhentsisa ixesha langoku.

Inkolo

- Kule noveli sifumana ukuba kukho iinkolo ezimbini ezahlukeneyo. Oko kukuthi kukho inkolo yezinyanya ehambelana namagqirha njengoko uThole wafika wazenza igqirha kwenye ilali yaseKnysna kuba ezama ukufumana imali. Kwakhona kukho inkolo yobuKrestu ekhokelwa ngabefundisi njengoko kule ncwadi kukho abefundisi abangooMaqoma, Shepherd noMangaliso.

Eyona nkolo ethe yabalasela yinkolo yobuKrestu kuba ngeli xesha abantu abaninzi babesele beyishiyile inkolo kaNtu yezinyanya ngenxa yomfutho waseNtshona. Umzekelo sibona uMangaliso eguqula abantu abaninzi kwilokishi eyayidume ngokusetyenziswa kwezinyobisi iGeorge Goch. Ube ngumfundisi otshatshelweyo kule ndawo de waya kugqibela sele ehambisa iVangeli kwilali awazalelwa kuyo iZazulwana eGcuwa.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

[25]

UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

- 7.1 UFikizolo wayenombono wokuba uThole afunde de aphumelele kodwa ngoku wayembona engenakuba saqhubeka nokufunda ngenxa yobudala.√√ (2)
- 7.2 Asivezela ukuba uThole wayengahambisani nento eyayithethwa nguyise ngako oko wayeyidukisa ezenza ngathi akayivanga into ayithethayo.√√ (2)
- 7.3 Lithemba lokuba usaza kuqhubela phambili nemfundo kwaye uza kuphumelela.√√ (2)
- 7.4 Injongo kaFikizolo yayikukuba uThole makathathe umfazi.√√ (2)
- 7.5 Yimpixano yangaphakathi√ kuba uFikizolo uxakiwe ukuba uza kuqala ngaphi ngale nto agqiba ukuyiva.√√ (3)
- 7.6 Eli binzana livuselela ingcinga yokuba ingulowo nalowo wayeleqela ukuba afike afumane indawo efanelekileyo eyayiza kumenza akwazi ukumbona kakuhle uMangaliso.√√ (2)
- 7.7 Kungenxa yokuba ize kuthabatha abantu abathe banyathelana, balimazana kuba babetshovana befuna ukubona uMangaliso kwisikhululo iJan Smuts ngelixa wayevela eNgilane.√√ (2)
- 7.8 Kungokuba wayehlala nabo esikolweni kwaye yayingabo ababemkhulisa bekwampheka kwicala lasenkonzweni okanye ekushumayeleni ivangeli.√√ (2)
- 7.9 Kwakuxoxwa ngomfundisi oza kutsala iintambo kwibandla laseGeorge Goch. √√ (2)
- 7.10 UMangaliso ukwazile ukutshintsha isimo saseGeorge Goch ngeentshumayelo zakhe ukulobela abantu ecaweni.√/Ukwazile ukubasusa abantu ekusebenziseni gwenxa utywala nokusebenzisa iziyobisi wababizela enkonzweni.√/Uye wakha indlu yecawe efike kungekho ndawo yakukhonzela.√/Usebenzise ikhodiyanane kwakhona ukubabizela kuThixo.√ (3)
- (Nasiphi na isithathu kwezi) (3)
- 7.11 UMangaliso wangaphambili kule noveli wahlukile kuMangaliso esixelelwa ngaye kwesi sicutshulwa. UMangaliso wangaphambili kule noveli wayekhulele kwikhaya elingathathi-ntweni lo ukwicutshulwa ngulo ufunde wade wayityekeza de wabe uphumelele ebomini bakhe.√√√/Lo Mangaliso wangaphambili ngulo wayelukuhleka lula zithomi lo wanamhlanje ngulo uzinzileyo engqondweni ukwazi nokuzithathela izigqibo ezizizo.√√√ (3)

[25]

UMBUZO 8 (ISINCOKO SONCWADI)**UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko.
- Mazamkelwe iimpindulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubriki ekwiphepha lama – 21 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankathe kwezi ngongoma zilandelayo:**Isimo Sentlalo**

- Isimo sentlalo sichaphazela iindawo eliqhubeka kuzo ibali, ixesha eliqhubeka ngalo kwaneendlela abaphila ngazo abantu kwezo ndawo. Sisetyenziselwa ukuphefumlela umoya othile ebalini, ukuhlakulela into ethile nokuphuhlisa abalinganiswa okanye umxholo webali. Isimo sentlalo sexesha sivezwa zizinto ezifana nezinxibo zabalinganiswa, iilwimi abazithethayo, izixhobo abazisebenzisayo, iintlobo zezothutho, iintlobo zezindlu abahlala kuzo nabazisebenzisayo, iintlobo zokutya, izikolo, iintlobo ngeentlobo zeenkolo njalo-njalo. Isimo sentlalo sisenokuvezwa njengesingundileyo xa umbhali esizobela indawo apho lenzeka khona ibali. Umxholo webali nguwo othungela ibali ukusuka kwintshayelelo ukuya kwisiphelo. Isimo sentlalo sithi siqaqanjiswe ngumxholo ophambili kwaye sikwadala unxunguphalo.

Ibali elokishini

- Apha kule ncwadi ibali liqhubeka kwilokishi yakuQaka. Oku kwenza ukuba umoya womzabalazo neendaba zikwazi ukuhamba ngokukhawuleza. Abantu babamba iindibano kumaholo asekuhlaleni ukuxoxa ngemeko yezopolitiko engentle. Kwakhona abantu abahlalanga kamnandi kuba amaBhulu ayabanqoloba bebabulala bambi bebanjwa ngenxa yemeko yezopolitiko.
- Sibona umbhali abalinganiswa bakhe ebanika amagama ahambelana neemeko. Umzekelo, uMfazwe umnika eli gama ukuze akwazi ukumelana neziganeke ezifuna ukuba alandele igama lakhe. Isimo sentlalo siqhutyelwa phambili ngumxholo webali kwaye siyaziphembelela ngandlela zonke izenzo zabalinganiswa.

Ixesha

- Ixesha lityhilwa zizinto ezenzekayo, eziqhubekayo nezisetyenziswayo ngabalinganiswa kwintlalo yabo. Ixesha eliqhubeka ngalo eli bali lelangoku sele kukho umfutho waseNtshona.
- Ixesha lixesha apho abantu bacinezelwe lilitye elinzima localucalulo ngokobuhlanga.
- Umbhali ubeka uMfazwe njengomlinganiswa onemfundo enomsila phakathi kwabantu abangafundanga ukuze aqaqambe ngokwezenzo akhawuleze nokuqapheleka. UMfazwe ngutitshala ofundisa isifundo sezembali.

- Nguye ophela ebanjwa kuba kusithiwa uhlokoza abantwana nabantu bakuQaka ukuba banyole umbuso esweni. Uyavalelwa ngamaBhulu entolongweni ebonwa njengomntu onyola umbuso. Ukubanjwa kukaMfazwe kushiya elokishini kuQaka abantu betshisa izikolo, betshisa izinto zabelungu bekruqukile yintambo elushica yengcinezelo. Uphela ecengwa xa bengafumani nto itsitsayo kuye ukuba abengungcothoza engcothozela amapolisa bemthembisa ngemali engcono kunale ayamkelayo.
- Loo nto ixela nje mhlophe ukuba abantu abaMnyama ngabantu ababonwa njengabantu abangacingiyo ngokuthi bakwazi ukuthengisa ngabantu babo ngenxa yokubethwa yindlala. Kwelinye icala kukho abantu abafana noNtsipho, uNdlala noFriday abathengisa ngobomi babantu phofu bengavelanga besithele ngokungathi bayabanceda kanti ngabona bangoongcothoza. Ilokishi yakuQaka ayizolanga kunguqulukubhode abantu bayabethwa ngamaBhulu.
- Owona nobangela kukubulawa kukaKK owayeliqhawe ebulawa ngamaBhulu entolongweni ngelithi uzibulele ngomkhono weblukhwe. Hayi ke yasuka ngamandla indaba ayalawuleka mpela indawo yakuQaka. Kwelinye icala uMfazwe ubuya entolongweni uFriday selemqabe mnyama ebantwini njengoyena mpimpi yamapolisa. Ubuya sele engenakhaya itshisiwe indlu yakokwabo. Uyabukulwa uMfazwe ngabantu bakuQaka nangoku seledede wazama ukubonisa ngezenzo ukuba akayiyo impimpi emngcwabeni kaMachule xa kwakunzima ngenxa yemvula. Imeko yezopolitiko imenza abone phofu ngokucetyiswa nguMfundisi uHlathi ukuba ukuwela imida kuya kumnceda ukuze asinde kuFriday nabantu bakhe.
- Umbhali umveza uMfundisi uHlathi njengomlinganiswa wokunceda uMfazwe kwiimeko adibana nazo ukuze ibali liqhubeke phambili. Ukwazile uMfundisi uHlathi ukumfunela ihlathi kwaNkosi Zamlandela ukuze akwazi bhetele ukuya kujoyina iNtsimbi ebomvu ukukhulula abantu kwingcinezelo.

Inkolo

- Kule Noveli siyayifumanisa inkolo yesiNtu kuba uMfazwe xa esengxakini unqula izinyanya zakokwabo. Umzekelo ngexesha wayefakwe evenini nenja ngamapolisa uthi abhenele kwizinyanya ukuba zimhlangule. Kwakhona xa esendleleni eya eMgazi phambi kokuba awele umlambo uqala aphose ilitye akugqiba anqule abantu bakowabo abasemlanjeni ukuze bamkhusele eluhambeni lwakhe ngenene ke kwabanjalo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

[25]

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

- 9.1 Kungokuba amapolisa namajoni ayevalile endleleni.√√ (2)
- 9.2 UMfazwe wayebhacele eSihlahleni kwaninalume ngenxa yokubukulwa ngabantu bakuQaka.√√ (2)
- 9.3 URhulumente wayesebenzisa iimpimpi ezinjengooFriday namahlakani akhe.√/uRhulumente wayesebenzisa amajoni.√ (2)

- 9.4 Iuselela ingcinga yenkohlakalo eyenziwa ngamapolisa kubantu abaNyama abangakwaziyo ukuzikhusela nokuzilwela.√√/Iuselela indlela engenalusini amapolisa awayeyisebenzisa ukuxhaphaza abantu abaNyama.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 9.5 Yimpixano yangaphandle√ kuba sibona amapolisa esilwa nabantu abaNyama.√√ (3)
- 9.6 Kwakubaluleke ngokuba abantu bakubo abalele ukuthula baze bamkhusele xa eza kuwela lo mlambo.√√ (2)
- 9.7 Ngumqondiso wokuba izinyanya zakowabo zihamba naye kwaye zimkhusele njengokoinja imele abaphantsi ngokwenkolo yesiNtu.√√√ (3)
- 9.8 Kungokuba oku kuhamba kwakhe kwakuyenye yeendlela awazisebenzisayo ukuzisindisa ekubanjweni ngamapolisa.√√ (2)
- 9.9 UMfazwe wachaphazeleka kakubi, ukusukela ngaloo mini waba sisiqhwala kuba kwathi kanti kukho imbumbulu emchanileyo.√√ (2)
- 9.10 Likwinqanaba lovuthondaba.√ kuba iziganeko zifikelele kwelona qondo liphezulu.√ (2)
- 9.11 UMfazwe wangaphambili yititshala yaseFunda efunde nzima nehlohla izifundo zembali nemana kurhabulisa abafundi ngezinto zomzabalazo engenasiphako ngokwasemzimbeni kanti lo uMfazwe ukwesi sicutshulwa uzinikezele wancama konke esilwela inkululeko yabantu de wabe uyadutyulwa wasisiqhwala engekafiki eMgazi.√√√ (3)

[25]

UMBULO 10 (ISINCOKO SONCWADI)**UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI Swana nabanye**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko.
- Mazamkelwe iimpindulo ezahlukeyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubriki ekwiphepha lama – 21 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi kulindleke ukuba achankathe kwezi ngongoma zilandelayo:

- Isaci esithi, 'Ukuthetha uNongqawuse' siphuhlisa into engasokuze yenzeke.
- Ekuqaleni kwale ntsomi sityhilelwa ngentlalo yamaXhosa eyayimnandi kuba ayezizityebi ephila ngokulima nokufuya iigusha, iibhokhwe, iidonki, iinkomo, amahashe nazo zonke izilwanyana zasekhaya. Obu butyebi ayeqamele ngabo amaXhosa ukuze abe zizityebi. Ayesebenzisa iinkomo ukulima amasimi ukuze kubekho umbona, imifino elinywayo kunye nemifino ezikhulelayo.

- Kwakuba lula kumaXhosa ukwenza amasiko awo kuba ayesebenzisa izinto anazo kuba ayengathengi. Ngeempelaveki babezonwabisa ngentselo amadoda nabafazi kwiindibano zabo. Abafana namakhwenkwe kwelinye icala ayezonzwabisa ngeentlombe nemitshotsho.
- Abelungu babewufuna kakhulu umhlaba wabantu abamnyama ngenxa yokuchuma nokutyeba kwawo. Iinjongo zabo yayikukuxhaphaza abantu abamnyama ngokubaqesha babe zizicaka zabo. Babesazi ukuba xa zinokutshabalala iinkomo nezilimo zabantu abamnyama, bangatsho baguqe kubo becela umsebenzi, batsho bathobele bekwalawulwa yimithetho yabaMhlophe.
- Zatshintsha izinto ngexesha likaNongqawuse intombi kaMhlakaza eyayingumprofethikazi. UNongqawuse lo wayenexesha lakhe elilodwa awayesiya ngalo emlanjeni xa esiya kukha amanzi kumlambo umBhashe. Abelungu baliqaphela ixesha lokuya kwakhe emlanjeni kuba babesoloko befuna ikroba lokuwabhukuqa amaXhosa. Bamqaphela ukuba uNongqawuse ufika emlanjeni athethe nezinyanya njengamprofethi. Basenzise ezi nkolo zamaXhosa ukubajika babenze izicaka zabo. Benza icebo lokuba bazenze izinyanya phaya emlanjeni ukuze acinge ukuba uthetha nezinyanya xa athetha nabo.
- Akufika emlanjeni uNongqawuse wacamagusha enqula ethethela phezulu kwaye kungekho nto ayishiyayo. Bathi abelungu isiprofetho sithi, amaXhosa aza kuba zizityebi. Bathi kuza kufika imana evela phezulu. Oko kukuthi baza kuba zizityebi bengasebenzanga nzima kuqala. Yonke into iza kuzenzekela neenkosi ziza kuphatha zilawule kamnandi kodwa konke oko kwakuza kwenzeka xa bonke abantu bebulele zonke iinkomo zabo, nayo yonke imfuyo, batshise zonke izityalo nembewu yazo. Balebela ngelithi emva koko abantu mabajonge empumalanga iintsuku ezintathu bangayeki baza kuyibona indyebo isiza ivela ngakhona.
- UNongqawuse waleqa enkosini, ngenxa yenkolo enzulu enayo kwizinyanya yakwamkela oko yabe sele ikhupha umyalelo ongqongqo wokuba izibonda zisasaze olu daba ebantwini bonke. Ngenene abantu benza ngokomyalelo batshabalalisa yonke into. Emva koko zafika zadlula iintsuku ezazibaliwe yagunya ngokugunya indlala kumaXhosa nkqi ukucela indyebo. Balinda balinda bejonge enkalweni de bancama. Bamfuna apho akhoyo uNongqawuse abantu ngokubalahlekisa. Le nto iphuhlisa ukuba liyinene elokuba xa kusithiwa 'uthetha uNongqawuse' kuxa ubani ethetha into engasokuze yehle kuba kwabanjalo kwintetho eyayithethwe nguNongqawuse intombi kaMhlakaza.
- Ubutyebi obabukhoyo kumaXhosa batshintsha bayindlala kwatsho kwagquba intlupheko kwisizwe sawo siphela neenkosi zapheliswa ngamagunya okulawula kwalawula abelungu. Abelungu bafika neeteletele zabo balima, baqesha amaXhosa azizicaka.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

[25]

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI Swana nabanye**

- 11.1 Kuhlaliswene kamnandi emtshatweni kakhetshe nesikhukukazi kude kwabakho nosapho.√√ (2)
- 11.2 Usivezela ukuba isikhukukazi sivele senze singacinganga ngeziphumo zento enokwenzeka.√ kuba khange sinxibelelane nokhetshe ngoku kulahleke isitshixo kusweleke nomntwana.√√ (3)
- 11.3 Sivuselela ingcinga yokuba akukhange kubekho luthando kwesi sibini kwasekuqaleni√ kuba emtshatweni ziyenzeka iimpazamo oko akuthethi kuthi makwahlukwane.√√ (3)
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)
- 11.4 Isisigqebelo esityhilwa ngumbalisi sesokuba ukhetshe nesikhukukazi bebefudula bethandana kakhulu ngoku izinto zijikile baziintshaba.√√ (2)
- 11.5 Yimfundiso yokuba ungabokukhawuleza uthathe isigqibo ngenxa yokuqhutywa ngumsindo ngento ongakhange uphande ngayo kuba ukhetshe uthabatha isigqibo ngento angakhange aphande ngayo.√√√/Yimfundiso yokuba xa ukhathazekile cinga nzulu phambi kokuba wenze into kuba ukhetshe ushiya usapho lwakhe lungenatata.√√√ (3)
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)
- 11.6 Sisibongo somthonyama√ kuba siqala ngesikhahlelo kunye nendlela esiphela ngayo√√/Izitanza azilingani√√/okubhekiswa kuye ulandwe ngomnombo.√√ (3)
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)
- 11.7 Lugxininiso. √√ (2)
- 11.8 Sisimbo seembongi zomthonyama ukuthi lowo zimbongayo zimlande ngokomnombo ukuzama ukuchukumisa imizwa yakhe nokufikelela kuye.√√ (2)
- 11.9 Imbongi ivuselela ingcinga yokuba amaNgesi ngabantu abazicingela bona bodwa yiyo loo nto kwade kwaqhambuka imfazwe yamaBhulu namaNgesi.√√√ (3)
- 11.10 Ibonisa ukuba kuyasa.√√ (2)

[25]**AMANQAKU ECANDELOB: 25**

ICANDELO C: IDRAMA**AMAZA – ZS Qangule****UMBUZO 12 (ISINCOKO SONCWADI)**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama–21 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankathe kwezi ngongoma zilandelayo:**Ingabula-zigcawu**

- Kweli nqanaba umbhali ulindeleke ukuba asichazele ngeendawo nexesha ekwenzeka ngalo lo mdlalo. Kwinqanaba lengabula-zigcawu kufumaneka izithole zempixano, abalinganiswa abaza kudlala indima ephambili ebalini nezimilo zabo kunye nomingimingi lwezinto eziza kuqhubeka. Umzekelo kule ncwadi, Amaza, siyivula nje sibona intshukumo eyenziwa nguNamhla njengomlinganiswa ophambili esovuya ityesi enempahla yakhe enxitywa emzini ade ayinyhale ngonyawo kule tyesi ebangelwa ngumsindo wokunyanzelwa kwesiko lokubonelwa ngabazali bakhe. Loo nto siyiva kwintetho ephuma emlonyeni wakhe ethi hayi ilishwa lokuzalwa ngamaqaba. Into ebonisa ukuba amaqaba la ngabantu abasabambebele kumasiko nezithethe zamandulo abalukuhleki lula ngumoya waseNtshona.

Uyondelelwano lwebali

- Kweli nqanaba impixano ithatha indawo izinto ziya zidula ukuqhubela phambili ibali. Kwalapha kweli nqanaba nomntu oza kuba ngumqobo umbhali umveza kwangoko. Umzekelo sibona uLizo efika emxelela uNamhla ukuba makangazihluphi ziza kosulwa iinyembezi zakhe. Kwelinye icala uNamhla uxabana nomyeni wakhe onguSidima kungentsuku zatywala bezimanye ngeqhina lomtshato. Umbhali uyaziveza zonke iziganeko eziza kuba ngumqobo okanye imbewu yempixano uyayisasaza apha kweli nqanaba. Umzekelo, sibona uLizo ekrexeza kuba uthandana noNamhla ngoku emazi ukuba utshate noSidima naye Lizo lowo utshate noZodwa intombi kaMfundisi uZazile, loo nto ibonisa ukuba kuza kubanzima. UDanile ongutata kaNamhla kwelinye icala ubiza intlanganiso yamaBhele kuba ebhaqe uLizo ethandana noNamhla entangeni kaNamhla. Ude athi kumawabo, 'Ndifike ingqeqe kaVaxa ijoja ...' Izinto ziya ziba mbi ngakumbi. AmaBhele awaboni ngasonye abanye abafana noXolile noKhulile babona ukuba uNamhla makayekwe atshate umntu amthandayo kuba bamele iimfundimani, abanye bamele amaqaba abafana noQebeyi noyise kaNamhla uDanile abavumi kugoba uphondo banyanzelisa isiko. Baphela betshata uNamhla noSidima.
- Kwakhona sibona uNamhla iya iqina ingxabano phakathi kwakhe nomyeni wakhe uSidima phofu uSidima esendleleni eya eRhawutini ukuya kuphangela. Eyona nto yongeza kule ngxabano kukubhaqa kukaNamhla ileta ebhalwe nguZodwa nefoto kaXelisa epokothweni yebhatyi yomyeni wakhe uSidima.

- Iziganeko ziyayondelelana kuba kwelinye icala uLizo uxabana noZodwa Zazile ongumkakhe embona ubuxelelu nokungakwazi ukupheka etsho naye emxelela ngomntwana onguXelisa ongenguye owakhe ongowendoda kaNamhla uSidima.
- Iyaqina ingxabano yabo uZodwa uyaliwa nguLizo kuba umbona engumfazi wamaQwathi ingenguye owakhe. UZodwa umxelela uLizo ngothando lwakhe noNamhla nokumthengela uNamhla umsesane embona njengoyena mfazi wakhe. Ubona ukuba uZodwa makahambe kuba uyaxelelwa ngumyeni wakhe ukuba makagoduke. UZodwa ukhetha ukubalekela eRhawutini apho aphantela khona uSidima emka nencwadi yebhanki kaLizo. Ulanda ekhondweni uLizo ezixelele futhi ukuba uza kuwususa umqobo endleleni yothando lwakhe noNamhla. Kwelakhe icala uNamhla umbona engundofa wakhe uLizo kuba uthi uya kuthi ebuya eRhawutini uLizo umzi wakhe naye ube uphelile wona.

Uvuthondaba

- Kweli nqanaba zonke iziganeko zikhule zaya kufikelela encochoyini kwelona nqanaba liphezulu. Lo ngummandla kazigqibo, kuqhawuka unobathana, kubambene ingwe nengonyama kuba akukho cala livuma ukoyiswa. Impixano seyitwebeke ngokupheleleyo kweli nqanaba. Abalinganiswa abaphambili benza izinto eziphethula intshukumo yomdlalo kwaye baxolele ukujinga iliso kunokuba zingaphumeleli iinjongo zabo.
- Apha sibona uLizo elandele umkakhe uZodwa Zazile ukuya eRhawutini ufika sele ezenza umntu obhinqileyo. Ufika uLizo sele ejolise ivolovolo phofu efika kukho uDuma noZodwa waseBhayi ecinga ukuba nguSidima noZodwa Zazile. Uyabadubula ababulale ecinga ukuba umgqibile noZodwa Zazile ongunkosikazi wakhe. UZodwa waseBhayi wavakala esathetha yena ngenxa yokuba wayenxilile waze uLizo watshisa kuye ngevolovolo de wabe uyambulala naye. Akugqiba uyaphuma ebashiya apho kungena uSidima abone le ntlekele akhethe ukuthatha uZodwa Zazile babalekele eSwazini.
- Ziyafika ezi ndaba kuloSidima nakwamfundisi uZazile bayangcwatywa kuba nabo becinga ukuba bangcwaba uSidima noZodwa Zazile kuba abakhange bazibone izidumbu kuba kusithiwa zonakele kakhulu. Emva komngcwabo kunyanzeliswa isiko lokungena kuNamhla, uNamhla akafuni nentwana ukhetha ukumitha esanxibe izila emithiswa nguLizo. Nalapho awavani amaCirha abanye babona ukuba uNamhla makayekwe kuba sele enze inyala lokumitha. Iziganeko zifikele encochoyini. Abalinganiswa badulile izimilo zabo. Akugqiba uLizo uyemka ubuyela kwelakubo ngoku ungene etywaleni uyasela phofu ubuyele kuNamhla.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

[25]

UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)

AMAZA – ZS Qangule

- 13.1 UNamhla ubhaqe ileta kunye nefoto kaZodwa.√√/Ufanisa ilifa elisemqolo kuSidima nelifa elikumntwana kaZodwa Zazile onguXelisa.√√/Aluzange lubekho uthando kwesi sibini njengoko betshatiswe ngenkani.√√

(Nayiphi na kwezi)

(2)

- 13.2 Asixelela okwenzekayo ✓ akwasivezela imvakalelo kaNamhla.✓ (2)
- 13.3 Kungokuba uSidima uyambona uNamhla unomsindo uyamthibaza ukuba izinto ziza kulunga ngokuhamba kwexesha.✓✓ (2)
- 13.4 Iziphumo zibe zezokuba bobabini baye bakrexeza.✓✓/Iziphumo zibe zezokuba uNamhla noSidima bohlukane uNamhla waphetha ethandana noLizo ngelixa uSidima ephelela kuZodwa Zazile.✓✓
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 13.5 Kungenxa yokuba enomntwana etshatile kuZodwa Zazile naye oyinkosikazi yomntu.✓✓ (2)
- 13.6 Emtshatweni kaSidima noNamhla kwakulambatha uthando.✓✓ (2)
- 13.7 Yingcinga yokuba iilali zisabambebele kumasiko nezithethe zawo.✓✓/ Yingcinga yokuba iilali zisesemva ngendlela abacinga ngayo ngokuthi basabambebele kwizinto ezindala.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 13.8 'Xa nditshoyo ke ndithi asinakurhoxa.'✓✓ (2)
- 13.9 AmaKrestu akaboni ngxaki ngokuqhutyelwa kwenkonzo emangcwabeni elixa amatyathangubo anenkolo yokuba baza kuphazamisana nezinyanya.✓✓ (2)
- 13.10 Asityhilela ukuba ubani anganazo zonke izinto ukuba ulihlwempu ngomoya ufana nongenanto.✓✓ (2)
- 13.11 Umbulali kaSidima uye wavela ukuba nguLizo✓, unina kaNamhla wavela ukuba nguMaLimakhwe✓, uSidima wavela ukuba uyaphila oyena mntu uswelekileyo nguDuma✓, uZodwa Zazile naye wavela ukuba uyaphila kusweleke uZodwa waseBhayi✓, kuye kwavela nokuba uSilumko akakhange abe uligqirha ungumcuphi✓./USilumko wayiveza into yokuba uMaLimakhwe unomntwana.✓
(Nasiphi na isithathu) (3)
- 13.12 Uyiqaqambise ngokuba amaKrestu akwazile ukuya kuyiqhuba ngempumelelo inkonzo yasemangcwabeni.✓✓/Uyiqaqambise ngokuba amaKrestu akwazile ukuvuma iingoma zawo emangcwabeni.✓✓/Uyiqaqambise ngokuba uSilumko ajolise ivolovolo kwabengubo kuphela.✓✓/Uyiqaqambise ngokuba uGobinamba ukhuthaza amaKrestu makaqhube umsebenzi wawo wokholo nokhanyo.✓✓
(Nayiphi na kwezi) (2)

(2)
[25]

UMBUZO 14 (ISINCOKO SONCWADI)**A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama – 21 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**Ingabula-zigcawu**

- Kweli nqanaba umbhali ulindeleke ukuba asichazele ngeendawo nexesha ekwenzeka ngalo lo mdlalo. Kwinqanaba lengabula-zigcawu kufumaneka izithole zempixano, abalinganiswa abaza kudlala indima ephambili ebalini nezimilo zabo kunye nomingimngi lwezinto eziza kuqhubeka.
- Kwindima yokuqala sixelelwa ngoNkosi uMaqoma okwikomkhulu lakhe iTshokotshela, inkosana uXhoxho ukwikomkholu iMthocwa, eSidutyini kumi iNkosi yabaThembu uBawana kanti eRhini ngamajoni aphantsi kukaKholoneli Somerset. USomerset wayengonwabanga kuba wayefuna umhlaba awayemi kuwo uMaqoma. Wayezimisele ukumkhupha uMaqoma kumhlaba awayekuwo atsho awunike abamhlophe. UMaqoma wayezimisele ukusikhusela isizwe sakhe.
- ETshokotshela nakhona uMaqoma wayengonwabanga kuba bantu abamnyama basuswa kwimihlaba yabo eyayityebile, babekwa kwiindawo eziyimiqwebedu baze balahlekelwa yimfuyo nangumhlaba wabo. ESidutyini uBawana naye wayejikelezwe ngamaphakathi awayengonwabanga yindlela alawula ngayo
- Oku kuyasikrobisa ukuba ngokuya uhambela phambili umdlalo iziganeko zikhula ngokukhula kuza kubakho ungquzulwano olubangelwa kukubhunyulwa ngabamhlophe kwemihlaba, imfuyo nobutyebi bamaXhosa.
- Ngokokuhlala iinkosi zazizonwabele nabantu bazo, bezisilela iindywala, bezeka izithembu, bekwanqula nezinyanya zabo. Abefundisi babamhlophe babeyinyemba le ndlela yokuphila beyibona njengebubudenge.

Uyondelelwano lwebali

- Kweli nqanaba kulapho izithole zempixano ziqala ukukhula ngokukhula litsho lijiye ibali. Izimo zabalinganiswa ziyadula ngokudula. USomerset usebenzisa ubuchule xa ehlasela uMaqoma ngokuthi aqinisekise ukuba amajoni angakwicala lakhe ngokuthi aziveze engumntu owakhathaleleyo. Abefundisi babenomsebenzi wokushumayeza abantu ukuze baguquke ezonweni kodwa kwakufuneka ukuba kubekho izikolo abaza kufundiswa kuzo ukufunda nokubhala.
- Abefundisi bacela umhlaba wokwakha izikolo kwiilali abahamba beshumayela kuzo. Kwakhona abefundisi babonakala benokuwufumana umhlaba ngoncedo lukaSomerset kuba wakhupha imiyalelo yokuba kuhlaselwe iilali zakwaNdlambe. UMaqoma kwelakhe icala wayalela amabutho akhe ukuba aye kulanda imfuyo yesizwe sakhe eyayibiwe kwaye ahlasele xa kukho imfuneko yoko. Nangona wanika imiyalelo engqongqo uMaqoma kodwa wayengayithandi into yokubulawa kwabantu. Amajoni abetha ebuyelela ekuhlaseleni nto leyo yenza ukuba kungabikho kuhlala kakuhle nakonwaba esizweni.

Uvuthondaba

- Kweli nqanaba, zonke iziganeko zikhule zaya kufikelela encochoyini kwelona nqanaba liphezulu. Lo ngummandla kazigqibo, kuqhawuka unobathana, kubambene ingwe nengonyama kuba akukho cala livuma ukoyiswa.
- Impixano seyitwebeke ngokupheleleyo kweli nqanaba. Abalinganiswa abaphambili benza izinto eziphethula intshukumo yomdlalo. Abalinganiswa baxolele ukujinga iliso kunokuba zingaphumeleli iinjongo zabo. Kwiimvuselelo zasekuhlaleni abefundisi baqhubeka nokubethelela uluvo lokuba abantu abamnyama ingakumbi amakhoboka akhululwayo ayebizwa ngokuba yimirhangqolo yabahedeni, amasela nababulali abantetho inamanyala.
- Abefundisi benyusela umgangatho ekusebenziseni izakhono zabo ekudlwenguleni iingqondo zabantu ukuze basuke kwiindlela abaphila ngazo bajoyine bona kwivangeli.
- Abefundisi bawa bevuka befuna ukuba banikwe imihlaba yokuhlala amagqobhoka odwa ukuze ahlale ephantsi kweliso labo ngalo lonke ixesha. Oko babekwenzela ukuba abo sele beguqukile bahlale bengamagqobhoka bangaphuncuki.
- UMaqoma waqhubeka neziyunguma zolonwabo nabantu besizwe sakhe. UMaqoma akagungqi kwizithethe namasiko esizwe sakhe. Ingxoxo ephakathi kukaMaqoma namaphakathi akhe ibonisa ukuba akonwabanga yindlela uSomerset asele engene ngayo kumhlaba kayise. Amaphakathi amcebisa ukuba kugxothwe abefundisi kuba basitshintshile isimo sentlalo kwisizwe sakhe. Loo nto ibangelwa kukungathobeli nokungahlonitshwa kwamadoda ngabafazi bawo abamkele ivangeli kuba bengazenzi izinto ezingahambelani nayo.
- Wafunga wamunca iintupha uMaqoma esithi akanakuyamkela into yokuyekela umhlaba kayise kwabamhlophe. Uyazibona iinzame zikaSomerset zokuzithandisa ebukhweni bakhe. Inkosi yabaThembu uBawana uyahlaselwa de abe uyabulawa.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

[25]**UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)****A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

- 15.1 Badibene kuba bexoxa ngomtshato.√ (1)
- 15.2 Asixelela ngokwenzekayo√ akwasivezela imvakalelo yabalinganiswa abakwesi sicutshulwa.√ (2)
- 15.3 Bafuna umhlaba wamaXhosa. √ Bafuna ubutyebi belizwe likaMaqoma.√
Bafuna ukuguqula abantu√ (2)
- (Nasiphi na isibini) (2)
- 15.4 Isimo sentlalo sesamandulo√/sesexesha lakudala√ kuba kudibene abakhozi bonwabile kulungiselelwa umbholorho.√ (2)
- 15.5 Yingcinga yokuba banobuchule ekulobeleni abantu evangelini.√√ (2)

- 15.6 Ngumlinganiswa ongenamqolo√ kuba xa ebuzwa nguDlomo ngoQhinebe namazwi akhe okugqibela akaniki nyani.√√ (3)
- 15.7 U Dlomo ubethelela ukuba kwingxelo yakhe ancede anyaniseke√√ (2)
- 15.8 Akazange ayamkele kuba wathi mabayekwe abantu abo.√√ (2)
- 15.9 Likwinqanaba lovuthondaba√ kuba iziganeko zikhule de zafikelele encochoyini.√√ (3)
- 15.10 UQhinebe ngumntu ongenamqolo siva xa ebize usapho lwakhe eluxelela ukuba ufakwe ngentloko nguMngxongo ekubulaleni inkosi kodwa njengomntu othanda uxolo uyalele ukuba angenziwa nto.√√ (2)
- 15.11 Uyiqaqambisa ngokuthi umhlekazi uMaqoma aphele enikezela ngomhlaba kayise kuba ehloniphe impilo kayise nangona wayengathandi.√√ (2)
- 15.12 Xa evula umlomo ebhekisa enkosini uqala ngesikhahlelo. √/Entethweni yakhe usebenzisa igama 'bawo' ukubonisa intlonipho. √/Xa ephetha intetho yakhe usebenzisa umhlekazi.√ (2)
- (Nasiphi isibini) (2)

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80

6.1 ISIHLOMELo A: IRUBRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE**ICANDELO A: Irubrikhi yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]**

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe.	8–10 -Isihloko sitolikwe ngokunzulu. -lingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe. -Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe.	6–7 -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo. -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. -Lzimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile. -Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe.	4–5 -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo -Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle. -Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo. -Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe.	2–3 -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo. -Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko. -Impendulo ibonisa ukuqhwalala kulwazi lwesihobe.	0–1 -Akanalwazi kwaphela ngesihloko. -Impendulo ayikho mxholweni wesihobe. -Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe.
7 AMANQAKU					
ISAKHIWO NOLWIMI 3 AMANQAKU	-Isakhiwo siyathungelana. -Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile. -Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela.	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle. -Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala.	-Bukho ubungqina besakhiwo. -Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo. -Iziphene zolwimi zimbawwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu.	-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. -Ingxoxo ayicwangciswa ngokukuko. -Bukho ubungqina beziphene zolwimi. -Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga.	-Isakhiwo sife amanqe. -Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga.
AMANQAKU	8–10	6–7	4–5	2–3	0–1

ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO	12–15	9–11	6–8	4-5	0–3
15 AMANQAKU	-Impendulo igqwesile. 14–15 -Impendulo ebalaseleyo. 12-13 -Ukutolikwa okunzulu kwesihloko -lingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi. -Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi.	-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo. -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile. -Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi.	-Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu. -Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko -Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka. -Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga.	-Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo. -Ambalwa amanqaku axhasa isihloko. -Impendulo ezichanekileyo zimbawwa kakhulu. -Luncinane ulwazi ngejenre netekisi.	-Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko. -Impendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo. -Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke. -Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi.
ISAKHIWO NOLWIMI	8–10	6-7	4–5	2–3	0–1
10 AMANQAKU	-Isakhiwo siyathungelana. -Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo. -Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile.	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle. -Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangcise ngendlela edala uthungelwano. -Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe ngokuchanekileyo ikakhulu.	-Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga. -Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene. -Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu. -Imihlathi ichanekile ikakhulu.	-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. -Izimvo azithungelelani kakuhle. -Iziphene zolwimi ziyabonakala. -Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga. -Imihlathi ineziphene.	-Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo. -limposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo. -Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala -Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka.
AMANQAKU	20–25	15–19	10–14	5–9	0–4

QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshela ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0.

Akumelekanga ukufotokopa eli phepha